URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ISebe eLikhulu loLawulo lweKharityhulam noVavanyo

Isalathiso: 20171010-5653
11/1/4/1
Imibuzo Dr PAD Beets

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0002/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli beZithili nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziphakamileyo, ezidibeneyo *(combined)* kunye nezizimeleyo

Isihloko: Inkomfa i-*Die Burger Youth Leadership Conference* eqala nge-8 ukuya kwi-14 Disemba 2017

1. Iphephandaba i-*Die Burger* lisebenzisana neSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*), liza kuphinda lisingathe inkomfa yolutsha i-*59th annual Youth Leadership Conference* ukususela nge-8 ukuya kwi-14 Disemba 2017 e-*Die Burger Strandhuis* e-Muizenberg, eKapa.

2. Kucelwa izikolo zityumbe usihlalo kunye/okanye usekela-sihlalo weBhunga eliMele aBafundi lika-2018. Ngamashumi amahlanu (50) eenkokeli zolutsha (amakhwenkwe ayi-25 namantombazana ayi-25) aya kukhethwa kwizicelo ngokweekhrayitheriya ezichazwe kwifom yokutyumba eqhotyoshelweyo.

3. Ulwimi ekuya kuqhutywa ngalo kule nkomfa sisi-Afrikansi (ulwimi lwephephandaba i-*Die Burger*), kodwa kuya kuqwalaselwa bonke abagqatswa bezinye iilwimi xa kukhethwa abatyunjwa.

4. Iinkokeli zolutsha ezikhethiweyo kulindeleke zibekho kule nkomfa ngalo lonke ithuba lokuqhuba kwayo ukususela ngoLwesihlanu, we-08 Disemba 2017 ukuya ngoLwesine, we-14 Disemba 2017.

5. Ifom yokutyumba eqhotyoshelweyo mayizaliswe ngokupheleleyo yaye apho kuyimfuneko, kungeniswe ingcaciso efanelekileyo yokuxhasa isicelo.

6. Ifom yokwenza isicelo ezaliswe ngokupheleleyo mayiskenwe ingeniswe nge-imeyili kuNks T Cronje apha Tracy.Cronje@westerncape.gov.za ungadlulanga **owe-31 Oktobha 2017**.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: + 27 82 376 4794 fax: +27 21 467 2363
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

7. I-*WCED* icela zonke izikolo zityumbe abagqatswa abafanelekileyo ukwenzela le nkomfa ixabiseke kangaka.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INHOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-10-10